Inthetho yoMpostle wesiThili kuwo onke amalungu – 05 Julayi 2020

Bazalwana noodade bam abathendekayo,

Ndiyavuya ukuba ndikwazi ukuthetha nani kwakhona mayela nemiba yokhathalelo kwanezolawulo.

Ukubuyela enkonzweni (Oku kujolise kumalungu aseMzantsi Afrika)

Ukugqibela ukuthetha kwam nani, ndanazisa ukuba asisayi kubuyela enkonzweni ngexesha lenyanga kaJuni noJulayi 2020. Ndikunye nabaPostile nabaVeleli benu, ndisoloko ndijonge isantya sosuleleko nendlela esasazeka ngayo iCOVID-19 kwingingqi yethu.

Ubungqina kwezonyango, ukuzotywa koqikelelo nobunyani kokwenzekayo kubonisa ukuba eMzantsi Afrika kuyaqhubekeka ukunyuka kosuleleko ngokukhawuleza ngoku kunwenwela kwiingingqi zaseMpuma Koloni naRhawutini. Logama iNtshona Koloni yaylindele ukwehla, Oku ngoku kubonakala ingathi kuyalibaziseka. Abasebenzi bethu bezonyango namaziko onyango ahlala esandiswa.

Sinikwe oku kungasentla nasemdleni wokuninika ummandla okhuselekileyo wokuba namava wenkonzo yobungcwalisa, sigqibe kweloba asizokubuyela kwiinkonzo zobungcwalisa ngenyanga kaAgasti. Ngenyanga kaAgasti sesebusika okuthetha ukuba lixesha leqondo eliphezulu lengqele nemfuxa. Siyakuqhubekeka ukuyijonga imeko kwaye ndiyakunazisa ekuqaleni kukaAgasti ngesicwangciso sethu esicetywayo sokubuyela ebandleni.

Ukuziphatha gwenxa ngokwezesondo

Ngoku ndiyakuthanda ukujika ingqwalasela yethu kumba oqhubekekayo ukukhathaza umphakathi wethu nothe kwakhona waba yingqwalasela

ngexesha lokuvaleleka. Lo ngumba woHlukumezo okuSekelwe kwiSini, ukuxhatshazwa kwabantwana nokuziPhatha Gwenxa kwezesondo.

Ibandla elitsha lobuPostile liyazikhaba zonke izenzo zoHlukumezo olusekelwe kwiSini noxhaphazo lwabantwana!

Sibone isidingo sokufundisa amalungu ethu (kubandakanya nabantwana bethu) neenkokheli kulo mba. Ngo 2018, ndiseke isigqeba esisebenza ngokuziPhatha Gwenxa kwezeSondo eyanikwa uxanduva loqulungqa imigqaliselo yenkonzo ngokuphathelene nokuziPhatha Gwenxa kwezeSondo. Injongo yokuba nemigqaliselo kukuqinisa indawo eme kuyo inkonzo ngokungabi nalunyamezelo naluxhaso kumphakathi ekuqubuisaneni nimiba yokuziphatha gwenxa kwezesondo.

Ndiyavuya ukwazisa ukuba emva kweminyaka emibini ngoku sinawo umgaqo oyakulikhokela ibandla lethu kuyo yonke imiba ephathelene nokuziphatha gwenxa kwezesondo. Lo mgaqo uqulathe icala lezomthetho kwakunye nezokhathalelo kwaye unika isikhokelo sokuqubisana nemiba yokuziphatha gwenxa kwezesondo.

Isicwangciso sokusebenza somgaqo sidinga igalelo lelungu. Umgaqo ngoku uyafumaneka ukuba ufunxwe uhlolwe kwakhona kwi-website yethu. Ndiyakukhuthaza ukuba uncede uwufunde umgaqo kwaye ukuba unazo naziphina izimvo, nceda uzingenise kule-email smcomments@nac-sa.org.za . Siyazamkela izimvo zakho.

Kwinqanaba loMpostile wesiThili, ndincediswa sisigqeba seengcungela ezine zangaphandle, kwakunye neenkokheli zokhathalelo ezintathu. Eli qela sele lisebenza ukusukela ngoMatshi 2020 kwaye iziphumo zomsebenzi wabo kuya kwabelwana ngawo ngexesha ekuvunyelwene ngalo. Kubalulekile ukuba le miba ixhamle iqondo lokuzimela nokuba

iinkokheli zokhathalelo zifumane isikhokelo kwingcungela eziqeqeshiweyo.

Sakuqala ngomjikelo wokuqala woqeqesho oluvumelekileyo ngamalungu aya kusebenza kwinqanaba lwengingqi yoMpostile kwaye oku kuya kunabela kumacandelo ahlukeneyo ebandla. Sikhangela abantu abanobugcisa abanokunceda kwinqanaba lesithili nebandla. Ukuba unabo ubugcisa obufunekayo, nceda uthumele iinkcukacha zakho kule email: applications@nac-sa.org.za

Abo bazifumana bengamaxhoba okuphathwa gwenxa kwezesondo lilungu okanye inkokheli, banako ukuchaza lo mba kule email ilandelayo: reportsm@nac-sa.org.za.

Zonke iingxelo ziya kuphathwa ngokuyimfihlo kwaye ziya kulawulwa kwi ofisi yam.

Easy Pay

Kwixesha elidlulileyo ndiye ndanazisa ukuba sibe nentsebenziswano no EasyPay njengendlela yokufaka iminikelo. Le nkonzo ngoku iyasebenza ngokupheleleyo kuzo zonke iivenkile zakwa Woolworths, Pick ‘n Pay, Boxer, Makro, Game no Builder’s Warehouse.

Silindele ukusebenza kwayo kwiivenkile zakwa Shoprite, Checkers, USave, Pep no Ackermans.

Ndiyababulela bonke abo baqhubekekayo ukuzisa iminikelo yabo ngokunyanisekileyo.

Iqela lempendulo lweCOVID-19

Iqela lwabasebenzi bethu luthweliswe uxanduva lokunikezela imigqaliselo yokubuyela emabandleni. Kwintsuku ezizayo, uya kufumana uxwebhu oluthi “ Isikhokelo sokubuyela ebandleni” nceda qaphela olu

xwebhu lubhalwe ngokwemigaqo esebenza kwinqanabo lwesithathu lovaleleko. Njengokuba umgaqo utshintsha, siya kuyihlaziya le migaqo.

Iiofisi zolawulo, eKapa naseRhawutini

Siya kuqalisa ukubuyela emsebenzi ngabasebenzi abambalwa kwezi ofisi zolawulo ukusukela ngoMvulo, umhla we13 Julayi 2020.

Izimvo zokuqukumbela

Amazwi akhethekileyo kubo bonke!